



Inombolo yefayili: 20/3/6/1/Timetable notifications to schools
Isalathiso: 20240517-3919

ISetyhula: 0020/2024

Umhla wokuphelelwa: 29 Novemba 2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela-Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharithulam, kuBacebisi ngeZifundo, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zamaziko alungiselela abafundi kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isishwankathelo esifutshane: *Ithayimthebhile yokugqibela yeemviwo zeSafikethi seMatriki sikaZwelonke (National Senior Certificate (NSC)) zangoNovemba 2024*

ISihloko: Ithayimthebhile yokugqibela yeemviwo zeSafikethi seMatriki sikaZwelonke (National Senior Certificate) zangoNovemba 2024

1. Iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zangoNovemba 2024, ziya kuqala **ngoMvulo we-21 Oktobha 2024** yaye zigqitywe **ngolwesine we-28 Novemba 2024**.
2. Apha kuqhotyoshelwe ikopi yethayimthebhile **yokugqibela (isiHlomelo A)** yeemviwo ze-NSC zangoNovemba 2024.
3. Iithayimthebhile yeemviwo ze-NSC zangoNovemba 2024 ziya kulandela ifomathi efanayo neyemviwo zango-2023 kodwa niyacelwa niqwalasele ezi nguqu zimbini zilandelayo:
 - 3.1 Iimviwo zepraktikhali ze-*Computer Applications Technology (CAT) Paper 1* neze-*Information Technology (IT) Paper 1*, ziya kubhalwa ngethuba leveki yokuqala yeemviwo, hayi kwiveki engaphambi kokuqalisa ngokusemthethweni kweemviwo. I-CAT Practical (Paper 1) ne-IT Practical (Paper 1) zicwangciselwe ukubhaliswa **ngolwesibini we-22 Oktobha 2024 nangolwesithathu we-23 Oktobha 2024** ngokulandelelanayo.

- 3.2 Iimviwo ze-NSC zangoNovemba 2024 ziya kuqala ngokusemthethweni **ngoMvulo we-21 Oktobha 2024** ngokubhalwa kwe-*English Home Language (HL) Paper 3, i-English First Additional Language Paper 3 ne-English Second Additional Language Paper 3. U-Paper 3 (Creative Writing)* kuzo zonke iilwimi zaseburhulumenteni (*English, Afrikaans, isiZulu, isiXhosa, isiNdebele, Sesotho, Setswana, Sepedi, Siswati, Tshivenda, Xitsonga and South African Sign Language HL*), uya kubhalwa kwiveki yokuqala. **Abaviwa mabakhunjuze ukuba iPhepha 3 liya kubhalwa phambi kwamaPhepha 1 no-2.**
4. Iimviwo ziya kugqitywa **ngolwesine we-28 Novemba 2024**, kodwa abaviwa mabafumaneka kude kube lusuku lokugqibela lwekota yesikolo (13 Disemba 2024), kwimeko apho kunokuba yimfuneko ngaso nasiphi na isizathu, ukuba kucwangciselwe elinye ixesha ukubhalwa kwesifundo/kwephepha elithile. Iinqununu mazigcine iziko ledatha leenkukacha zoqhagamshelwano zabo bonke abaviwa babo nezizalwane zabo njengenxalenye yezicwangciso zokuqulela okungekehli ukulungiselela ukufikela kubaviwa ngokulula ukuba kukho imfuneko yoko.
5. Iiklasi zesiqhelo maziqhubeka kude kube **ngulwesihlanu we-11 Oktobha 2024**, ukuqinisekisa ixesha lokufunda elininzi kangangoko kunokwenzeka.
6. Kucelwa iinqununu/abaphathi bamaziko oviwo benze amalungiselelo etheko lesithembiso sokuzibophelela (*pledge ceremony*) kwabafundi kwimigaqo yoviwo phakathi evekini ukususela kowe-07 ukuya kowe-11 Oktobha 2024 kwizikolo zabo ukuvumela abaviwa baziphathe kakuhle ngokuthobela imigaqo yoviwo. Isatifikethi sesithembiso sokuzibophelela (*pledge certificate*) masisayinwe ngabo bonke abaviwa ukwenzela ukuba babenolwazi ngemigaqo yeemviwo nangeziphumo zokophulwa kwemigaqo.
7. Kucwangiswe iiseshoni ezimbini zosuku ngalunye ukulungiselela iimviwo. Iiseshoni yakusasa iya kuqala ngo-09:00 yaye eyasemva kwemini iqala ngo-14:00.
8. Iinqununu mazazise bonke abaviwa abasisigxina ababhala iimviwo ukuba mabanxibe iyunifom yabo yesikolo xa babhala iimviwo.
9. Abaviwa abaphosa iphepha lesifundo ngaso nasiphi na isizathu ngethuba loviwo lwe-NSC lwangoNovemba 2024, kuya kufuneka babhale onke amaphepha ezifundo eso sifundo sichaphazelekayo kuviwo olulandelayo lwango-Meyi/Juni kunyaka olandelayo.
10. UMphathiswa kazwelonke uya kubhengeza iziphumo zeemviwo ze-NSC zangoNovemba 2024 **ngolwesithathu we-15 Januwari 2025**, yaye amasebe emfundo amaphondo aya kuzikhupha iziphumo zabaviwa **ngolwesine we-16 Januwari 2025**.
11. I-Common Assessment Task ye-Life Orientation iya kubhalwa **ngoMvulo we-02 Septemba 2024**.

12. I-*Performing Arts Practical* icwangciselwe **uMvulo we-12 Agasti 2024** ukuya **kuMvulo we-14 Oktobha 2024**, yaye ii-*Visual Arts and Design Practicals* zicwangciselwe ukubhalwa **ngolwesibini we-01 Oktobha 2024** ukuya **kuMvulo we-14 Oktobha 2024**.
13. Kucelwa niqaphele ukuba imihla ekucetyiswa ngayo yokuqala iimviwo zeBakala 12 zokuzivavanya (*trial examinations*) **nguMvulo, we-26 Agasti 2024**, njengoko upapashiwe kwikhalenda yezikolo yeSebe leMfundo leNtshona Koloni.
14. Kucingelwa ukuba ukumakishwa kweemviwo ze-*NSC* zangoNovemba 2024 kuya kuqala **ngolwesihlanu we-29 Novemba 2024**. ISebe i-*WCED* lilindele ingqinisekiso yokugqibela ngoku kwiSebe leMfundo esiSiseko.
15. Kucelwa nazise ngokuqulethwe kule setyhula kubo bonke abaviwa abanenjongo yokubhala iimviwo ze-*NSC* zangoNovemba 2024.

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2024-07-08